# Ziyazaliseka---Ngoku! Izihlabo ko Ntsundu!! Pulapula!!!

*U-Yesaya 19: 2, 4, 8-10, 15-16, 20.*

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.)

Taru! Mhleli ngesituba sezi mbongi; asinakutula, umhlaba ubolile: Ngani myeke no Tsalitoro okwangoku: Fundani Izibhalo—yena usisandla so Yehova—Esibeta tina: Nanko! Nomprofeti u Yesaya esixelela: Usifuba lngangato kulo Gabriyeli: Nangona, iziprofeto zake ziyinzwana ezindembelela; kuba ezizihle ngalondlela kuti, njenga nyibiba yejojoisemlanjeni: Engazenzi ke naye betu u Mprofeti u Yesaya kuba uqutywa zi ntsika zako wabo: Kwane Zulu lihlokoma umgala gala: Liti "Masibuye" namhlanje, kuba amabhongo entlizi yo siwagqibile: Uti yena Umprofeti u Yesaya lidlole apa ibashe lika Yehova liyinto emanzi: Latoba Imbokotwe watsho wazula: Nango ke lomagade!—Kuwa ndlu Emnyama: Siya kuiwa sodwa, kubhaliwe kwatshiwo: Sivingcelwe silaulwa ngo Kumkani ab-nencwangu: Ihlutwe kuti nemisebenzi: Kubhaliwe kwatshiwo; njengokuba kunjalo nje ke nangoku: U Yehova anenze ninkwantye nigube kuba kaloku eninza nezixoba, eniyatolwa ngazo nentshaba, ezi a kutunyelwa ngu Yehova kuni: Ngenxa ke yabaxinezeli benu, niyakwa ndula ke nikalele ku Yehova anitumeleke u Msindisi. Xelelani nabanini milambo, bazi ukuba Ilizwe lipetukile: Sekummangele nje mna Tixo—sebifile konke konke: Camagu! Awu! Ozinkomo namahashe, ozigusha nozibhokwe, senditshilo ziyatshaba: Nizonele ngokwenene—Mna nemvula ndoyibamba: Camagu ke! C'ibi Elinom nqwazi ngapezulu! Ndlovu Edla Ezindle—Ungalala Endleleni Ulahlekile: Liso Lesabonkolo elingapantsi kwamanzi kanti libona ngapezulu: "Xaka" Elimnyama: Opondo lujonge Pezulu, olunye lwabheka Emhlabeni: Kudala naba Profeti Benyaniso besixelela: Naku namhlanje Duma Barwaqele, asi kubona ngokuduma: Camagu! Mhlabi ngezihlabo use Zulwini: Zilenzi elihlala Embodleleni: Siti nlungile nje, kanti ukwa Yingozi: Ziyazaliseka! Izihlabo ko Ntsundu: Kangelani ke kade sinixelela: Azi niyakucebisana Nabani ke; ningenalo nje nasiko nimise Umzi ngalo: Bakindlebe wena mhlaba! Ingubo ye Afrika? Yalala yodwa na? Ngokuswela umambati? Lizakugunqulwa lona Ilizwe lonakele; —Uyakubuya ke noba akusatandi!—Nditsho usilwa ubeta nangenqindi: Inkokeli esizifunayo ke ngoku: Mazifike namabhayi avela Ezulwini: Zicombulule amaqina azakusixaka: Zinga hambe zicombulula imali zetu ezingxoweni, ze ngayo ziyoku xaka abafazi bamanye amadoda, zixake kwanotywala yonke lento; Haikona! Asizifuni ne Nkokeli, eziti zakupelelwa kukutya ezindlwini zazo, zimeme umhlangano, zisenzela ukuba zipile ngetiki salo mhlangano—Haikona! Ezinjalo asizifuni nezihamba zipalazisa igazi le Sizwe ngabom: Imfazwe zidalwa ngu Tixo: Inkokeli ke ezi zezika Tixo ngenyani: Ziti za'ubona ukuba konakele, zicebisane no Tixo Olisiko: Ziya zaliseka ke Izihlabo ko Ntsundu, sezi. qalile: Masitandazele ke! Abaprofeti benyaniso, abayakusiweza kulo "Mfula Wosizi" abaprofeti sinabo kwapakati kwetu: Akuko nakanye oyakuvuka Engcwabeni azo kusixelela—Napakade!!!